



Unaso isibindi sokuphupha?
Ukubiza izinto ezingekho
ngokungathi zikhona.
Ukubona izinto ezidla
ngokubonwa nguThixo yedwa.
Ukuphilisa umzimba ofileyo
Ngokokuba uYesu Krestu
ulidini elifezekileyo.

Yena wasihlangula ezonweni
wasisa ebulungiseni.
Wasikhupha ebumnyameni
wasisa ekukhanyeni.
Wasikhupha ekungazini
wasenza ukuba sazi.
Wasikhupha ekugwetyweni
wasenza saba noxolelo.
Wasikhupha kukungamkeleki
wasenza samkeleka.
Wasikhupha kwintiyo
wasenza saba nothando.
Wasikhupha ebukhobokeni
wasisa enkululekweni.

Umthandazo:

Bawo, ndibona ilizwe lobuhle.
Kukho uvuyo, isandi sokuhleka
kwanobumnandi.
Bawo, ndibona ilizwe labantu
abakuthandayo nabathi balibize igama lakho,
Ukususela kwabancinci ukuya kwabadala
abathi balibeke igama lakho elingcwele.
Bexhentsa eziratweni, bevuma iingoma
zokudumisa nokunqula.
Benxibe ezimhlophe negolide;

kukho ukuhleka emehlweni abo.
Ithemba noxolo nothando
lukhanya kubo ngaphakathi.
Aba bantu bayamazi uYesu,
baye bematshela phambili egameni lakhe.
Eli likhaya lam, yidolophu yakowethu.
Bawo mandibe nesibindi sokuphupha
ndide ndibone ngamehlo kaThixo
ilizwe lobisi nobusi.....
isithembiso seNkosi yam.

Amen